1.5 **Ifuthe lokukhulelwa kwabafundi kwinkqubela-phambili yabo.**

- Abaviwa kulindeleke ukuba baveze ifuthe elibi/elihle loku kwinkqubela yabo esikolweni nakubomi jikelele bangazikhankanya nezizathu zokukhulelwa kwabafundi
- Umfundi angawavelela onke amacala aze athathe esakhe isigqibo. **[50]**

1.6 **Ukuba ndinganefuthe ekomelezeni iqondo lerandi eMzantsi Afrika.**

- Makuqwalaselwe izinto abaviwa abanokuzenza xa benokuba nefuthe ekomelezeni iqondo lerandi.
- Umviwa usenokunika iqondo lerandi elo likhoyo ze aveze imingeni ebangela ukwehla nokwenyuka kwalo nendima anokuyidlala, kuvele ukuba uzakube eyidlala le ndima eyintoni.
- Mayivele ukuba le ndima yakhe uza kuyidlala kwixesha elizayo. **[50]**

1.7 **QAPHELA:** Makubekho unxibelelwano phakathi kwesincoko nomfanekiso

1.7.1 **Inja eleqa intaka esibhakabhakeni.**

- Abaviwa banganika impendulo enentsingiselo ethe ngqo/ efihlakeleyo/ bazixube iintsingiselo zeempendulo.
- Abaviwa mabaqwalasele umfanekiso ngokupheleleyo ze banike isihloko esifanelekileyo.
- Umfundi angaveza ukuba ubani angagaxeleka engozini ukuba uleqa into angenamendu ayo. **[50]**

1.7.2 **Ukwakhiwa kwamanqwanqwa ngezandla ngabantu abohlukeneyo.**

- Abaviwa banganika impendulo enentsingiselo ethe ngqo/ efihlakeleyo/ bazixube iintsingiselo zeempendulo.
- Abaviwa mabaqwalasele umfanekiso ngokupheleleyo ze banike isihloko esifanelekileyo.
- Umfundi angaveza ukuba indlela eya empumelelweni ayilula, kwaye idinga intsebenziswano.
- Omnye usenokuveza ukuba xa uphezulu zazi ukuba uxhaswe ngabanye. **[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

## ICANDELO B: IMIHLATHI

### UMBUZO 2

Kulindeleke ukuba abaviwa babhale imihlathi emiBINI kule ibuziweyo. Ubude bempendulo mabube li-100–120 amagama (1–1½ iphepha) umxholo kuphela. Ulwimi, irejista, isimbo sokubhala nethoni mayifanelane nenjongo yobhalo.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

- Abaviwa mabacacise indlela abavelana ngayo nomhlobo.
- Umfundi makavelane nomhlobo wakhe, angade amnike namazwi okumomeleza, emcebisa nangezinye izinto anokuzenza lo mzuzu elindele ukwamkelwa eYunivesiti kunyaka olandelayo.
- Ifomathi: idilesi inye, umhla ebhalwe ngawo ngasezantsi kwedilesi, isibuliso nesiphelo esichanekileyo. **[25]**

2.2 **ILETA YOBURHULEMENTE**

- Abafundi kufuneka bagxile kumba wempahla ezilahlekileyo nokucela uncedo.
- Ifomathi: iidilesi zimbini, yeyombhali neyalowo ubhalelwayo, umhla, isikhundla sombhalelwa, igama nedilesi, isibuliso esichanekileyo, umcimbi nesiphelo esichanekileyo silandelwa yifani noonobumba-magama ombhali. **[25]**

2.3 **I-OBHITSHUWARI**

- Abaviwa kufuneka babonakalise ukuyiqonda ukuba yintoni i-obhitshuwari.
- Ifomathi: Abaviwa kulindeleke ukuba bachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:Igama lomfi, umnombo wakhe, umhla wokuzalwa kwakhe, indawo azalelwe kuyo, imfundo yakhe, iindawo aphangele kuzo, isimo somtshato, igalelo lakhe ekuhlaleni, isizathu sokusweleka kwakhe, abantu abashiya ngemva namazwi okumkhapha. **[25]**

2.4 **INQAKU LEPHEPHANDABA**

- Maliveze iimbono zomviwa malunga nomba wokuxhwilwa kwabantwana.
- Isihloko masibe sifutshane sidlwengule umxhelo.
- Makukhankanywe igama lephephandaba.
- Inqaku malahlulwe ngokwezintlu.
- Umbhali wenqaku makakhankanywe.
- Makuvele umhla nonyaka elibhalwe ngalo.
- Ithoni mayichukumise uvakalelo.
- Makabhale isihloko, intshayelelo, isiqu, isiphelo. **[25]**

| | IZINGA ELISISISEKO | UKUCWANGCISA NGOKUTSHA | UKUTHABATHA IZIGQIBO | UKUPHONONONGA | UKUNCOMA/ UGXEKA | IINDIDI ZEZINCOKO | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 1. | [50] | | | | | Esibalisayo/esichazayo. | [50] |
| 2. | | | [50] | | | Esichazayo/esixoxayo/esicamngcayo/ ekuxoxela amacala amabini. | [50] |
| 3. | | | [50] | | | Esixoxayo/esicamngcayo/esibalisayo/ esichazayo/esivelela amacala omabini. | [50] |
| 4. | | | | | [50] | Esivelela amacala omabini/esixoxayo/ esichazayo/esibalisayo. | [50] |
| 5. | | | | [50] | | Esicamngcayo/esibalisayo/esichazayo/ esixoxayo/esivelela amacala omabini. | [50] |
| 6. | | [50] | | | | Esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/ esicamngcayo/esivelela amacala omabini. | [50] |
| 7. | | | [50] | | | Esibalisayo/esichazayo/esixoxayo esicamngcayo/esivelela amacala omabini. | [50] |
| 8. | | [50] | | | | Esibalisayo/esichazayo/esixoxayo esicamngcayo/esivelela amacala omabini. | [50] |

Amanqaku asetyenziswa xa kukorekishwa isincoko:

| IMIQATHANGO | AMANQAKU | ISIKHOKELO SOLWABIWO LWAMANQAKU |
|---|---|---|
| A. UMXHOLO NOCWANGCISO | 30 | |
| B. ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA | 15 | |
| C. ISAKHIWO | 5 | |
| **Amanqaku ewonke** | **50** | |

| A | B | C | EWONKE |
|---|---|---|---|
| **0–30** | **0–15** | **0–5** | |
| **30** | **15** | **5** | **50** |

| | **IZINGA ELISISISEKO** | **UKUCWANGCISA NGOKUTSHA** | **UKUTHABATHA IZIGQIBO** | **UKUPHONONONGA** | **UKUNCOMA/ UGXEKA** | **IMIHLATHI** | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| 2.1 | [25] | | | | | Ileta yobuhlobo | [25] |
| 2.2 | | | [25] | | | Ileta yasebuRhulumenteni | [25] |
| 2.3 | | [25] | | | | IObhitshuwari | [25] |
| 2.4 | | | [25] | | | Inqaku lephaphendaba | [25] |
| 2.5 | | | [25] | | | I–Ajenda nemizuzu yentlanganiso | [25] |
| 2.6 | | | | [25] | | Intetho esesikweni | [25] |
| **Amanqaku ewonke** | | | | | | | **(2 x 25) = 50** |

| **IMIQATHANGO** | **AMANQAKU** | **ISIKHOKELO SOLWABIWO LWAMANQAKU** |
|---|---|---|
| A. UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI<br>B. ULWIMI, ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA | 15<br>10 | |
| **Amanqaku ewonke** | **25** | |

| **A** | **B** | **EWONKE** |
|---|---|---|
| **0–15** | **0–10** | |
| **15** | **10** | **25** |

Amanqaku asetyenziswa xa kukorekishwa imihlathi: